



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA LE-12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2008

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-15.

IMIYALELO EYA KUBAFUNDI

1. Eli phepha lemibuzo linamacandelo AMATHATHU, angala:
 - ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30 amanqaku)
 - ICANDELO B: Isishwankathelo (10 amanqaku)
 - ICANDELO C: Igrama nokusetyenziswa kolwimi (30 amanqaku)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Bhala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA uze ukrwele umgca ekupheleni kwecandelo ngalinye.
4. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
5. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
6. Landela imiyalelo ngocoselelo.
7. Bhala iimpindulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
8. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1: ISICATSHULWA**

- 1.1 Funda esi sicutshulwa ngocoselelo uze uphendule imibuzo elandelayo. Kwimibuzo ekulindeleke ukuba uchonge impendulo enye, bhala inombolo yombuzo kunye nonobumba ongqinelana nempendulo echanekileyo.

UGloria Brown waqala ukwaziwa xa wayengunozinti weBanyana Banyana. Eli bhinqa linama-33 eminyaka, alitshatanga likwangumphicothi weencwadi zemali (i-accountant). UGloria wayethanda ukuya kuzifaka phakathi kwabasasazi bebhola bendebe yeHlabathi yomnyaka wama-2010. 'Kaloku ukusasaza imidlalo yamazwe ngamazwe lelona nqanaba eliphezulu ekusasazeni, kwaye nam ndifun' ukuba phakathi kwabo ngowama-2010,' utsho uGloria. 'Kona kuyothusa ukusasaza ibhola kodwa njengomntu owudlaleleyo uMzantsi Afrika kumazwe ngamazwe ngoku ndifuna ukuzinza ekusasazeni.'

Ngowama-2001 wacelwa ukuba asasaze imidlalo yebhola yabasetyhini, nokuba enze udliwano-ndlebe nabadlali nabaqeqeshi emidlalweni yamadoda. Kutha ngowama-2005 waqala ukusasaza imidlalo yePSL noSizwe Mabena, noBaba Mthethwa. Kwangelo xesha uDesiree Ellis owayengukapteni weBanyana Banyana uqeshwe kwiqela lezemidlalo leSABC eKapa ukuze enze udliwano-ndlebe nabaqeqeshi ngaphambili nasemva komdlalo.

UJimi Matthews oyintloko yesebe lemidlalo kwiJelo loSasazo uthi ukuqesha kwabo amabhinqa angabasasazi bemidlalo kubonisa ukwanda kwamabhinqa athand' imidlalo eboniswa kwiTV. Ukusebenzisa abasasazi basetyhini kwenza abe maninzi amabhinqa abukel'ibhola, nto leyo lo mdlalo ewenza ube ngowomntu wonke. Nokuchongwa komdlali weBanyana Banyana uPortia Modise 'kwi-CAF Sportperson of the Year Awards' kubonisa igalelo labasetyhini kulo mdlalo. 'Ndingancokola ngebhola naye nabani na, nokuba kunini na, kodwa ekuqaleni ndandiba nalo uloyiko oluncinane xa ndisiya kubadlali bePSL nekhamera nomboko,' utsho uGloria.

'Ndandibonwa njengomntu ongayaziyo ibhola, ndimtsha ekusasazeni yaye ndilibhinqa. Akuzange kundikhathaze oko – ndabahlonipha abadlali nabo baqala ukundihlonipha bakubona ukuba ndiyayazi ibhola.' Ulusingatha njani ke udliwano-ndlebe nabadlali emva komdlalo, abanye benganxibanga ngasentla bebile bemanzi? 'Akundikhathazi ukuba phakathi kwabadlali abaninzi. Kaloku sukuba ungayelanga ukuyokujonga imizimba yabo phaya, oko kuba yibhonasi nje,' utshilo encumile uGloria. 'Uzama ukufumana iimbono zabo ngomdlalo ngokukhawuleza umlawuli wenkqubo engekabuyiseli iintambo estuyiyo. 'Kaloku abadlali baziimbaldasane ukanti mna ndiyintatheli nje. Xa ndandidlalel' iqela lesizwe, umqeqeshi wethu wayeyindoda. Wayeyinxalenye yeqela, kwaye umntu ngamnye wayejongene nomsebenzi wakhe ebaleni nakwigumbi lokunxibela.'

UGloria uzimisele emsebenzini wakhe. Akagqibela nje ngokuyidlal' ibhola. Uphinde waqeqesha 'ne-Soweto Ladies Football Club', ukanti umele ibhola yabasetyhini kwisigqeba 'se-South African Football Association'. 'Ndingumntu okholelwa kumanyano. Imidlalo yanceda ukumanya abantu beli lizwe emva konyulo lowe-1994 xa uMongameli Mandela wabhiyoza nazo zonke iintlanga zeli xa sasiwine iNdebe yeHlabathi yombhoxo 'ne-African Nations Cup ebholeni'.

'Oko kwenza sabona ukuba singaphumeza nantoni na,' utshilo. Uthetha isiZulu nesiNgesi xa esasaza umdlalo okanye esenza udliwano-ndlebe. 'Ndihambisana kunye nomdlalo kwaye oko kuyanceda nasekwenzeni abalandeli bandamkele,' utshilo.

Uyakuthanda ukubukel' imidlalo yaphesheya kwiTV xa engaxakekanga, aze abone abadlali abaphambili neendlela amaqela anjengeBarcelona neChelsea adlala ngayo.

'Oko kundinika nethuba lokubon' abadlali baseAfrika abadlala phesheya eNgilane naseSpain,' utsho uGloria. 'Isantya nendlela yokudlala uziva ngaphakathi kuwe, kuba xa usasaza kufuneka uyazi into oyibukeleyo ukuze unike ababukeli umfanekiso ophelileyo. Kufuneka uzifundise nokubiza kakuhle amagam' abadlali nokuba badlalela liphi na iqela okanye ilizwe.'

[Ithathwe kwiBONA, kaMeyi 2007]

IMIBUZO

- 1.1.1 UGloria ukhe watsala nzima, kukho abamjongele phantsi ngenxa yesini sakhe. Chonga isivakalisi kwesi sicutshulwa esibonisa indlela awuveza ngayo kweli bali lakhe lo mceli-mngeni wokucalucalulwa ngenxa yesini. (2)
- 1.1.2 Kwezi nkcazelo zilandelayo xela ukuba inkcazelo nganye luLUVO na okanye yiNYANI. (2)
- A UGloria wayengunozinti weBanyana Banyana.
B Ukusebenzisa abasasazi basetyhini kwenza abe maninzi amabhinqa abukel' ibhola.
- 1.1.3 Khetha impendulo efanelekileyo kwezi zintathu zingezantsi, uze ubhale kuphela inombolo nempendulo. (1)
- Eli qela lebhola leBanyana Banyana libonisa:
- A Ukuba abasetyhini bathanda ukulinganisa benze izinto ezenziwa ngamadoda.
B Ukunqongophala kwemisebenzi eMzantsi-Afrika.
C Inguqu ekhoyo eMzantsi Afrika.

- 1.1.4 Ingaba ulwazi nendlela asasaza ngayo umsasazi linafuthe lini kwabo baphulaphuleyo? (1)
- 1.1.5 Nika intsingiselo yegama ngalinye kula alandelayo:
ukuphicotha, imbalasane. (2)
- 1.1.6 Njengomfundi weli bali uyibona njani into yokuba lo wasetyhini onguGloria enze udliwano-ndlebe nabadlali kunye nabaqeqeshi bebhola emidlalweni yamadoda? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.7 UGloria uzibona iziphumo zonyulo zonyaka we-1994, nokuphumelela koMzantsi Afrika indebe ziyenye yezinto ezinokwenza umntu akwazi ukuphumeza nantoni na. Ngokunokwakhe ungathi okwaqhubekayo ngo-1994, neziphumo zale ndebe zaba nafuthe lini kuye? (2)
- 1.1.8 Khawunike esi sicutshulwa isihloko esifanelekileyo esihambelana nengxam yaso. (1)
- 1.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

IMVUMI EZE NGOBUSW'EZWENI KWELI

UNtando Bangani unento yonke: unelizwi elimyoli, isiphiwo sokubhal'iingoma, uneembasa zomculo yaye uyinzwana. Ngoku uziqalela eyakhe inkampani yokushicilela ebizwa ngokuba yi-'Bonfire Entertainment' – yaye ufuna ukuhamba ngeLamborghini. 'Ngumnqweno wam lowo. Yimoto yam yamaphupha, yaye luphawu lokuba ndisebenza kakuhle,' utshilo. Ndichithe iminyaka emihlanu ndifunda lo msebenzi wam endleleni nasestudiyo. Ndilungele ukungena kwezoshishino ngoku.' Uneminyaka engama-25, unobude obuyi-1,85 m yaye uyinto emculweni weli.

Icwecwe lakhe lokuqala elithi 'Kwantu' lazuza iimbasa zeMetro ezimbini ngowama-2005 laza elesibini elithi 'Imvelaphi' lafumana imbasa ye-'SA Music Awards'. Icwecwe lakhe lesithathu lithembisa ukwenza izigidi zeerandi yaye isigqibo sakhe sokushiya i-'TS Records' ukuze aziqalele eyakhe inkampani siwushukumisile umculo weli. EStates akubikho ngxaki xa iimvumi zisenz'iinguqu ezilolu hlobo, kodwa kumazwe afana noMzantsi Afrika iimvumi ezisakhasayo ziyoyika ukuthatha amathuba alolu hlobo. Akunjalo kuNtando. 'Uninzi lwabemi baseMzantsi Afrika lucinga ukuba izinto zindihambela kakuhle, kodwa kumehlo ehlabathi ndisaqala. Eli lizwe ndilibona lihamba phambili ekwenzeni iAfrika ibe nempembelelo enkulu kumculo wehlabathi liphela.'

UNtando uxelele iBONA ngobomi abuphilayo. Akatshatanga, unamaphupha okuzibona esisinhlanha esingawothiyo umlilo kwezolonwabo. 'Lubalulekile utshintsho kwezolonwabo. Ukukhupha icwecwe elitsha kufana nokukhupha imoto entsha yohlobo lweJaguar okanye i-BMW, abalandeli bakho balindele ukuva umahluko. Indlela endiphila ngayo iyinxalenye yotshintsho. Ndasheng' umzi emva kokuba ndizuze iimbasa zeMetro ngowama-2005. Ndinestudiyo sokushicilela endenza kuso iingoma zam ezintsha nanini na.' Ukwanequmbi lokuzonwabisa apho uNtando ahlala khona nabahlobo bakhe, bedlala imidlalo yevidiyo yebhol'ekhatywayo okanye bebukele uTiger Woods kwi-TV enkulu. Uthi lelona gumbi alithandayo. Ikhithshi ligcin'iziselo nezimuncumuncu, akuphekwa kulo.

Xa elambile engakufuni ukutya okuthengiweyo utyelela abazali bakhe abahlala kufuphi naye. 'Xa ndifika nje umama uyandazi ukuba ndifuna ntoni,' utsho encumile. 'Uye athi mandiyekhitshini. Akakho umntu opheka kamnandi njengomama. Kaloku ekhaya kulapho ndafunda khona ukuziphatha nokwazi ukwahlula okulungileyo nokungalunganga – xa ufuna into yisebenzele yaye wonge imali ukuze uyifumane.' UNtando uyakuthand' ukuya kuthenga kodwa kunzima kuye kuba xa evela nje abalandeli bakhe bayamwela. 'Ndifun'ixesha lokwenza isigqibo ngento endiyithandayo. Ndinestayili sam, kodwa kufuneka ndiye kuzo zonke iivenkile ukuze ndikhethe kakuhle into endiyithandayo.'

[Ithathwe kwiBONA, kaMeyi 2007]

IMIBUZO

- 1.2.1 'UNtando uzimisele ukwenza utshintsho kwezolonwabo.'
Ungathi luluvo olu okanye yinyani? (1)
- 1.2.2 NgokukaNtando yintoni ebonisa ukuba sel'ukhona utshintsho alwenzayo? (1)
- 1.2.3 Caphula apha kwesi sicutshulwa singasentla into ebonisa ukuba uNtando ukhulele kwikhaya elinengqeqesho, nto leyo ayivuma ngowakhe umlomo. (2)
- 1.2.4 Ziimvumi ezinjani 'iimvumi ezisakhasayo'. (1)
- 1.2.5 Xa ubunokuba ngumama kaNtando ungathi ubunokuziva njani xa unomntwana onje? Ngoba kutheni? (2)
- 1.2.6 Wena njengomfundi weli bali umbona uNtando engumntwana onokuthi unjani ngokwesimo, xa uthathela ingqalelo into yokuba ungomnye wabantwana ababalulekileyo ngenxa yomsebenzi awenzayo? (2)
- 1.2.7 Xa ujonge lo mfanekiso kaNtando ungathi udiza ntoni ngaye? Kutheni usitsho nje? (2)

- 1.2.8 Isihloko seli bali sithi: 'Imvumi eze ngobusw'ezweni kweli'.
Xa ubungumbhali weli bali ubuya kulinika siphil isihloko wena? (1)
- 1.2.9 Xa uthelekisa uGloria okwiscatshulwa A noNtando
okwiscatshulwa B ungathi bafana ngantoni? Nika nje umba ube
mnye. (1)
- 1.2.10 Imisebenzi eyenziwa nguGloria noNtando ingabamanyanisa
abantu. Ingabamanyanisa njani? (2)
- 1.2.11 Xa ucinga yintoni unobangela wokuba iimvumi zamazwe afana
noMzantsi Afrika zingalitsibeli ithuba lokwenza inguqu suke zibe
noloyiko? (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa singezantsi wandule usishwankathele. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Shwankathela ngokusebenzisa izivakalisi ezipheleleyo, ukhetha iingongoma eziphambili uzicwangcisa izimvo ngendlela ehambelanayo. (4)
2. Sebenzisa awakho amazwi ungawulahli umxholo. (3)
3. Shwankathela ungadluli kumagama angama-60 ukuya kuma-70. (1)
4. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesicutshulwa. (1)
5. Umsebenzi wakho mawucoceke. (1)

UDUSHE ALUSOSISOMBULULO

Sisengabantwana sasigqwashula, sikhale, sikhabe kwanto ephambi kwethu ngenxa yomsindo wokungayinikwa into esiyifunayo ngoko nangoko! Ngelishwa mlisela nomthinjana wakowethu, kusekho abantu abasayenzayo loo nto nangoku seabadala – abo bantu ke benza umonakalo omkhulu ukanti nabantu bayabulawa. Apha ke sithetha ngabantu abenza izenzo zodushe. Ebomini awunakuthi akusoze uyenze into, kwaye kulula nokubona izinto ezingakwenza ubhenele kudushe ukuzama ukuzikhusela.

Umzekelo xa uthatha urhulumente kaVerwoerd, wayebabetha ngeentonga ebadubula nangoombayimbayi abantu ababekhalaza ngoxolo, iANC neminye imibutho yagqiba ekubeni ibhenele 'kumzabalazo wezigalo'. Into ebalulekileyo esifanele siyifunde kulo mzekelo kukuba udushe lufanele lube licebo lokugqibela esibhenela kulo. Ngelishwa sizifumana siphila nabantu abazixelela ukuba udushe kuphela kwendlela yokufumana okufunayo. Bayalibala ukuba udushe lusenokugqibela lungalawuleki. Kunyanisiwe xa kusithiwa udushe aluzange lwaba sisisombululo. Kutheni kusitshiwo njalo? Kaloku udushe luba yinxalenye yengxaki – kwaye lubangela eziny'iingxaki.

Yiba nomfanekiso xa abasebenzi abaninzi abaphantsi kombutho othile wabasebenzi bevumelana ngokuba imivuzo yabo iphantsi, zize ziphanze iingxoxo zabo zokunyuselwa imivuzo ngabaphathi benkampani, baze bagqibe ekubeni mabagwayimbe. Ngaba oku kuvakala kuyinto oqhele ukuyibona? Kulungile ke. Makhe sithi izikhalazo zaba basebenzi zinesihlahla. Uninzi lwabo ngabo abondla iintsapho namakhaya abo, kodwa nangona bephangela kunzima ukondla iintsapho namakhaya abo ngemivuzo yabo. Bafanele ukufun' uchatha wemivuzo, ukanti nemithetho yeli iyabavumela ukuba bazise uluntu ngezikhhalazo zabo ngokwenza imingcelele yoqhankqalazo.

Singacinga ukuba abo basebenzi babhetele kunathi kwaye abafanelanga ukugwayimba. Sifanele ukucinga ngolu hlobo kuba komnye umngcelele wokukhalaza kusuka kugqabhuke udushe, abaqhankqalazi babethe abanye, bophule iifestile babe neempahla ezivenkileni. Loo nto ichaphazela nabantu abangenanto yakwenza neengxaki zabo basebenzi. Emva kolo dushe akusathethwa ngemivuzo ephantsi nangabantwana babasebenzi ababhuqwa yindlala, sekuthethwa ngodushe nangokonakaliswa kwempahla. Abasebenzi sele kugxijwa bona ngelahleko eyenzeke ngexxa yodushe, akusathethwa ngemivuzo.

Maxa wambi olunye uhlobo lodushe kukuthi umntu ekubamba imali engayibuyisi, uzixelele ukuba uza kuyikhupha kuye esiqwini. Loo nto ayikusombulela ingxaki yokubanjwa kwakho imali, ikufaka kwenye ingxaki. Ngoko ke udushe ayikokubetha kuphela, kwaye ezinye iindidi zodushe zingaba yingozi kakhulu. Umzekelo ukubekela abantu izinto amabazifunde namabazibukele ludushe olo.

Akukho rhulumente okanye naliphi na iqela elinelungelo lokuxelela abantu ukuba yintoni abangayifunda nabangayibukela. Umzali xa engafuni ukuba abantwana bakhe baphulaphule ingoma ethile, okanye ifilimu ethile nguye ofanele abaxelele oko, angalindeli ukuba urhulumente makayivale loo ngoma okanye loo filimu ingabukelwa.

Mlisela nomthinjana wakowethu, xa kufuneka usebenzise udushe nokuba lolokubetha na okanye ukukhwaza nokuthuka ukuze uphelise impikiswano noxambuliswano nguwe olahlekelwayo! Ulahlekelwa nangakumbi ke kuba xa umntu engavumelani nawe ngomba othile, mhlawumbi wepolitiki okanye owenkolo ukwenza ube nomsindo. Into xa ukholelwa kuyo awuzikhathazi nokuba abanye abantu bacinga ntoni okanye bona bakholelwa kwintoni. Ifanele ingakukhathazi into yokuba omnye engumKrestu, omnye engumJuda, abe omnye engumZCC.

Awunakuphosa umntu ngaphandle kuloliwe kuba enxibe ijakethi ongayithandiyo okanye kuba ethetha ulwimi ongaluviyo. Masime ngodushe. Masibe neqhayiya siphakamise umbhalo osifaneleyo omkhulu njengehlabathi othi: **Phila nabany' abantu baphile.**

[Sicatshulwe kwiBONA magazini, Okthobha 2006]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IGRAMA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3**

3.1 Funda esi sicutshulwa singezantsi wandule uphendule imibuzo elandelayo.

Amaziko aphakamileyo emfundo afana neetekhnikoni needyunivesithi, ayekwa ukwahlulwa ngokwebala, avuleleka kuzo zonke iintlanga. Zaqala into zakowethu ukufundisa umthinjana nomlisela weli kumaziko aphakamileyo ebekade engawabamhlophe, nanezinto zonke zokukhupha iincutshe neengcungela zemfundo kuba akukho nto ebelambatha ngayo. Kula maziko ke akuphathwa zincwadana nje, yimiqulu ngemiqulu yolwazi.

3.1.1 Xa ujonge isakhi esibhalwe ngqindilili esingu-a kwisenzi 'ayekwa' ungathi sidiza isiganeko esenzeka nini? (1)

3.1.2 Nika umzekelo wesimnini esakhiwe kwisibizo 'imfundo' esisetyenzisiweyo kwesi sicutshulwa singasentla, uze usisebenzise kwesakho isivakalisi. (2)

3.2 UNtando uthunywe ukuba aye kumela iimvumi zaseMzantsi Afrika kwitheko lokuthi ndlela-ntle kubafundi bebanga le-12. Intetho abeza kuyenza inengxaki kuba izele ziziphene.

Khawuphinde ke uyibhale ngokutsha ulungise iziphene ezikhoyo. Apho kukho amagama afinyeziweyo wabhale ngokupheleleyo.

'Bafundi kubalulekile ukuba imfundiso zootitshala bethu sizigcine, kuba ngaloo ndlela siyakuncedakala. Ubomi esijonge nabo xa sikwiiKholeji neeDyunivesithi bufuna umntu othe qwa, oko kukuthi yiba sisilumko kwakunyaka wokuqala kuloo ndawo oya kube ukuyona. (5)


3.3 Qwalasela le mifanekiso ilandelayo, uze wakhe isaci/iqhalo ngomfanekiso ngamnye.

3.3.1




(1)

3.3.2



(1)

- 3.4 Qwalasela eli nqaku lentengiso lingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



Inqaku lentengiso

SPAR

libhega eziluncuthu ...


Zibuye ngamandla iibhega zehlobo kwaye xa unezi mveliso zine zakwaSPAR ungenza isidlo sasemini sebhega esikhethekileyo esilungele abantu abathandathu! USPAR uyakwazi ukukunceda ukuze imali yakho yanele zonke izinto ozifunayo. Amaxabiso abo aphantsi kodwa imveliso zabo zezodidi oluphambili. Iimveliso zakwaSPAR ziquka iimveliso ezincinci ukusa kwezinkulu, ziyafikeleleka ngamaxabiso ukanti zezodidi oluphambili. Xa uthenga iimveliso zakwaSPAR wonga imali, nto leyo iza kukunceda ukwazi ukuzithengela izimuncu-muncu! Xa ufuna ukonwabisa abahlobo bakho nosapho lwakho ngezidlo eziluncuthu, yenza ezibhega zenkukhu ezimnandi. Baza kuzithanda ngakumbi xa ubaxelela ukuba uzenze ngeemveliso zakwaSPAR kuphela!

- 3.4.1 Iimveliso zakwaSPAR ziquka iimveliso ezincinci ukusa kwezinkulu, ziyafikeleleka ngamaxabiso ukanti zezodidi oluphambili. Isenzi 'ziyafikeleleka' sinika ntsingiselo ni kwimeko esisetyenziswe kuyo? (1)
- 3.4.2 Isenzi u'thengela' singazithatha iinjongosenzi zide zibe MBINI. Yakha isivakalisi esibonisa oku, uzikrwele umgca ngaphantsi ezo njongosenzi. (2)

[13]

UMBUZO 4

Qwalasela le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



(Ithathwe kwiBONA, Novemba 2006)

- 4.1 Kutheni uRasta enomsindo xa uChiskop phaya kwibhokisi yesibini embiza 'ngemfene'. Veza intsingiselo yeli gama ngokwemo elisetyenziswe ngayo. (2)
- 4.2 Igama u'kancinci' kwibhokisi yesine lisetyenziswe njengantoni? (1)
- 4.3 Kwibhokisi yesine chonga isibanayo esikhoyo uze ke usebenzise kwesakho isivakalisi. (2)
- 4.4 Kwibhokisi yesihlanu ucinga ukuba sisetyenziswe njani isimelabizo sokukhomba? (1)

[6]

UMBUZO 5

- 5.1 Kwezi zivakalisi zilandelayo sebenzisa igama elisisithetha-ntonye endaweni yegama ngalinye kula akrwelelwe umgca.
- 5.1.1 Le ndoda ilikroti. (1)
- 5.1.2 Isililo salo mntwana siyothusa. (1)
- 5.1.3 Imbangi yokuba ndifunde kukufuna impumelelo. (1)
- 5.2 Bhala esi sivakalisi kwintetho ngqo. Qala ngolu hlobo:
Umama uthe, ...
Umama ubaxelele abantwana ukuba mabatye msinyane. (3)
- 5.3 Sebenzisa kwizivakalisi eli gama lilandelayo KABINI ukuze livele ukuba linokuba neentsingiselo ezimbini nangaphezulu: Ulwimi (2)
- [8]**

UMBUZO 6

Qwalasela le mifanekiso ithathwe kumaqweqwe eemagazini i-BONA, ukuze ke uphendule imibuzo elandelayo.



- 6.1 Kwezi BONA zingentla sinike isihloko esikwenye yazo esibhekiselele kumba wezeMpilo. (1)
- 6.2 Chonga kwenye yezi BONA isihloko esibonisa ukuphatheka gadalala kwabantu de isidima sabo sihle ngenxa yentsokolo? (1)
- 6.3 Kuxhaphakile ukuba imagazini iBONA isebenzise ubuso bamanenekazi amahle nawaziwayo. Ucinga ukuba kutheni besenza loo nto nje? (1)

[3]

AMANQAKU ECANDELO C: 30

AMANQAKU EWONKE: 70

